S.E.M.: *Imvo Zabantsundu* (31 October 1916), page 3

**Umkhosi Wemidaka**

"Ndim musan' ukoyika."

Le nto umntu ayifi kukwenzeka kwento engayithandi. Sendibona sekuleli xhapetshu kulilo nje[1], asikuko nokuba bendingazi ukuba kungaba nje. Kodwa xa ke inkosi zigqibileyo zona, kuba abantu aba ngabenkosi, ngubanina ongabuye athi khwethekhwethe, kwaze kwathi bekutheni, kwathini? Ndithe kanjalo njenge kholwa likaKrestu, ndakhumbula ukuba kanene, nokuba le nto ibiseyimnyama ngokwethunzi lokufa, Yena uyakuyiguqula ikhazimle nangapezu kwelanga. Ngako oko ke:

Awu! Ewe kambe siyabulela!
Lakuth' ikokwethu lisicinge,
Ngokuya kusebenz' emazibukweni,
Ngexesha lalo lokuxakeka.
Besingobani na thina bomthina
Ukuba singanced' ukumkani weBritani?
Ingangalal' engatshonelwa langa;
Int' elawul' umhlaba nolwandle;
Kungoku nesibhakabhak' isingxamele.

Niyeva ke madodana niphakamile!
Isizwe senu sisemqulwini wezizwe.
Ze niguye ze niqambe;
Nenjenje-nenjenje! Nenjenje-nenjenje!
Nenjenje-nenjenje! Nenjenje-nenje-njeya!

Xa nithul' umthwalo wenqanawa—
Zenicace ningenqeni;
Az' omny' avele ngapha, omny' avele ngapha,
Omny' athi khu ngapha, omnye ngapha,
Ewe man, niyisike ithi tyu.
Xa nithul' intsimbi man—

[1] *Imihobe* inserts *lokuwela ukuya e-Fransi* (to cross the sea to France)

Yibambe ngengal' ezingenamkinqi,
Ume ngemilenz' engenankantsi man,
Niyithi hlasi niyenjenje;
Nithi ho-ha heje-e-e !
Lemgo!--------wha-a-a ! ! !

Maze xa nithul' idamanethe,
Nokuba yifiyose nerhuluwa,
Nokuba yigesi nesalfure—
Nokuba yiyiphin' int' enomlilo,
Niyithi chu ngobunono,
Ukuz' ingabi nangozi.
Ith' ukub' ithe omnye yamluma
Yamtshekela[2],yamthini na,
Nisuke nimyaleze koyise,
Ngenkans' ephakame kunene:
Nenjenje-nenjenjeya! Nenjenje-nenjenjeya!

Maze nimbamb' uKeyizare nize naye,
Iphele lemfazwe ngepanyazo.
Sizokudla no Keyizare indaba,
Simbalisel' umhla waseSandlwana,
Simbalisel' umhla waseThaba Ntshu,
Simbalisel' umhla waseMthontsi;
Simbalisel' umhla waseGwadana.
Nith' ukuya kumbamba niye ngobulumko,
Niqhel' ukubamb' ingonyam' ihleli;
Nenjenje-nenjenje! nenjenje-nenjenje

Nenjenje nenjenje! Nenjenje-nenjenjeya!
Maze nimgcin' uZepelini phezulu,—
Ath' akuphos' umlilo nimphosele ngezulu;
Ath' akuthob' ityhefu, nithob' umgubo kaPhezulu;
Ath' akwenza ngegesi nenze ngenyosi;
Ath' akuxakeka—akuxakeka!

---

[2] Changed to *Yampalalela* (spill over him) in *Imihobe*.

Akuxakeka—akuxakeka!
Nimvele ngapha, nimvele ngapha!
Nenjenj' ukumqhawula—nimrhaqe
Nenjenje-nenjenje-nenjenjeya!

Maze nibe neliso kuVon Hindonbere:
Yimfene leyo zenize niyikhwele.
Kubizwe nina nje kubizw' abokugqibela,
Ihlaz' enilenzileyo zeningezi nalo;
Ubugwal' enibenzileyo ningabuyi nabo;
Zeniyidumis' iAfrik' ezizweni;
Nizidumis' inkosi zenu kanjalo,
Azifananga zanikhupha ziyazidla ngani.
Zeniwuthobel' umthetho nommiselo.
Wakuw' umthetho zenenjenje,—
Nenjenje-nenjenje, nenjenjeya

Zeniyidumis' i-Afrika ngobukroti,
Zeniyidumis' i-Afrika ngamandla,
Zeniyidumis' i-Afrika ngokuvisisana,
Niyidumis' i-Afrika ngempilo,
Ngobukhali beliso nobendlebe.
Ngokuzinza kwengqondo nobuchopho,—
Ngokuthetha, nokuhamba, nokwenza,—
Tyhinile! Nisuke nenjenje—nenjenje!
Nenjenje—nenjenjeya!

Hambani ke bafondini niy' eFransi!
Nikhumbul' indlala eniyishiy' emakhaya.
AmaFrentshikazi zeningawajongi,—[3]
Kuba nilapho nje namhla nibingiwe;
Sinenz' idini lesizwe sikaNtu.
Hambani mathol' emaz' ezimabele made;
Hambani mathol' oNyongande kudlelana;

---

[3] *Imihobe* substitutes for this line *Izihendo zo-Ngendawo zenizoyise* (Resist the temptations of Satan the Shiftless).

Hambani kuba lento thina sesiyibonile;
UThixo wakowethu seleyijikele ngaphambili.
Hambani ngemilenz' enganamkinqi;
Hambani ngentliziy' ezingenadyudyu;
Ngomzimb' okhaphukhaphu, ngomzimb' ongenantaka;
Nithi gxanya, gxanya, gxanya, gxanya!
Nithi ngxi, ngxi-ngxi ngxi Niti ngxi ngxi-ngxi-ngxilili!!!